Isalathiso: 20210827-5304
Inombolo yefayili.: 3/3/3/1/1
Imibuzo: KwiZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaziko emfundo

Isihloko: Ukuphunyezwa okulungiselela ukusebenza kweNkqubo yoLawulo loMgangatho (*Quality Management System (QMS*) ukwenzela ootitshala abasezikolweni kumjikelo wohlolo ka-2021

1. Ngokwenjenje uyaziswa ukuba ngenxa yeemeko ezingqonge i-*COVID-19* kunye nokuphazamiseka kwemisebenzi yesiqhelo ezikolweni, indlela elungiselela ukusebenza kokuphunyezwa kweNkqubo yoLawulo loMgangatho oHlangeneyo *(Integrated Quality Management System (IQMS))* yomjikelo wohlolo ka-2021 ihlala iyileyo yayichazwe kwisikhokelo sangaphambili somhla we-11 Septemba 2020

2. Oku kuphunyezwa kulungiselela ukusebenza kwenkqubo akuzibandakanyi iinqununu *(PL4)*.

3. Isikhokelo sichaphazela kuphela ootitshala abasezikolweni kumaNqanaba eZithuba *(Post Levels)* 1–3 ngolu hlobo lulandelayo:

3.1 Umjikelo wohlolo wonyaka ka-2021 uya kuphelela ezihloleni kukatitshala intsebenzo ngokwakhe yaye amaxwebhu makangeniswe *kwi-Development Support Group* ukwenzela ukungqinisiswa kwawo.

3.2 Ukuhlolwa kwentsebenzo yootitshala kuya kususelwa ubukhulu becala kwimisebenzi eyenziwe apha enyakeni.

3.3 Inqununu neKomiti i-*Staff Development Team* mabangqinisise ukuchaneka kwamanqaku eziphumo zentsebenzo (*summative scores*) ukwenzela ukuba angeniswe kwi-ofisi yesithili.

3.4 Umhla wokugqibela wokungenisa onke amaxwebhu *e-IQMS* **yi-26 Novemba 2021**. **Ziyacelwa izikolo ukuba zibambelele kwimihla yokungeniswa kwamaxwebhu enikwe zii-ofisi zezithili ukwenzela ukuba kugqitywe zonke iimfuno ezimiselweyo zolawulo phambi kokuba izikolo zivalele ukuphela konyaka.**

4. Isikhokelo esingasentla sinokusetyenziswa ngootitshala abanezigulo ezizezinye abanikwe imvume yokusebenzela ekhaya okanye kwindawo ekude neklasi yokufundisela.

5. Inkqubo yokuhlolwa kwentsebenzo yango-2021 elungiselelwe ukusebenza kufuneka ikhokelwe kukwenzela izinto ekuhleni lo gama kuthathelwa ingqalelo imeko-bume engqonge ukufundisa nokufunda esikolweni.

6. Ileta esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko, yomhla we-24 Agasti 2021, emalunga nalo mba, iqhotyoshelwe apha ukukwenzela lula.

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu malunga noku kungasentla, wamkelekile ukuba uqhagamshelane naBaququzeleli boLawulo lweNtsebenzo (*Performance Management coordinators)* besithili kwilisti engezantsi:

I-Ofisi yeSithili	**Umququzeleli**	**Idilesi ye-imeyili**
Metro Central	Nks Lesley Hutchings	Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za
Metro East	Mnu Craig Paulsen	Craig.Paulsen@westerncape.gov.za
Metro North	Mnu Owen Weeder	Owen.Weeder@westerncape.gov.za
Metro South	Nks Genine Erfort	Genine.Erfort@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mnu Bertram Jacobs	Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za
West Coast	Nks Janine Adonis	Janine.Adonis@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	Nks Yolande Damons	Yolande.Damons@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu Edward Kies	Edward.Kies@westerncape.gov.za

8. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-09-20